VAKALISA ULUVO LWAKHO!

ISICWANGCISO ESITSHA SESIXEKO SASEKAPA SOPHUHLISO OLUHLANGANEYO LWEMINYAKA EMIHLANU SOWAMA2027 - 2032

ISixeko saseKapa sikwiphulo lokuyila isiCwangciso sexesha elitsha lokusebenza seminyaka emihlanu soPhuhliso oluHlangeneyo (IDP) (2027 – 2032).

I-IDP iyakuthi ibesisixhobo esiphambili sesicwangciso buchule esiya kukhokela lonke ucwangciso nophuhliso olucetywayo kule minyaka mihlanu izayo yeofisi.

IsiCwangciso esingeNkqubo yokusebenza kweIDP

UMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, icandelo 28(3) uchaza ukuba umasipala kufuneka akhuphe isaziso esiya kuluntu malunga neenkcukacha zenkqubo azimisele ukuyilandela.

Kukhutshwa isaziso sokuba iBhunga leSixeko saseKapa laye lamkela isiCwangciso esingeNkqubo yokusebenza kweIDP (2027-2032) ngowe19 kweyeNkanga (Novemba) 2026.

Izimvo zokuyilwa kweIDP (kuquka ikhadi lamanqaku leziko)

Ngokwecandelo 16(1)(a)(i), 17 no29(1) (b) loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, kufuneka kucetyiswane noluntu malunga neemfuno zabo zokwenza iinguqu kunye nezinto ezibalulekileyo kubo kwaye kufuneka bathathe inxaxheba kuyilo lweIDP.

Njengenxalenye yephulo elibanzi lokuqinisekisa ukuba bonke abahlali beSixeko bayakwazi ukuthatha inxaxheba kuyilo lwesicwangciso esingokusebenza kwixesha elitsha leofisi yeIDP, kuza kusetyenziswa iindlela ezahlukeneyo ukufumana izimvo zoluntu malunga neemfuno zabo zokwenza iinguqu.

Inkqubo engokubandakanya uluntu ngokujoliswe kuyilo lweIDP kwixesha elitsha leofisi, iqala ukususela ngowama20 kweyeNkanga (Novemba) 2026 kude kubengowama20 kweyoMqungu (Janywari) 2027.

Uluvo ngokujoliswe kuyilo lwesiCwangciso soPhuhliso esiHlanganisiweyo (IDP) seminyaka emihlanu esingokusebenza kwixesha elitsha leofisi (2027 – 2032) lungangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:

- Gcwalisa uxwebhu lwethu lwezophando ngokulandela iQR khowudi ebonakaliswe apha.
- Imeyila ku public.participation@capetown.gov.za
- Ngeintanethi kwa www.capetown.gov.za/collaborate okanye kwa www.capetown.gov.za/IDPSurvey
- Izingeniso ezibhaliweyo: Zinikezelwe kwiofisi yeBhungana ekufutshane nawe okanye kwisakhiwo sethala leencwadi

IYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu yeSixeko iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo.

Ukuze ufumane uncedo lokurekhodishwa koluvo lwakho oluthethwa ngomlomo, fowunela kwa 021 400 1450, okanye uimeyilele ku Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA238/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.